VOTELA I-ANC NGOMHLA WE 01 MATSHI



Isicwangciso sokwenza urhulumente wasemakhaya akusebenzele ngcono

ANC

ISIXHOSA

Umzantsi Afrika ukwiphulo lwenguqu lokwenza ngcono ubomi buka wonke-wonke

Abantu abaninzi kunangaphambili bafuna amanzi acocekileyo, kwaye banombane kumakhaya abo. Abantu abaninzi banathuba okuphucula ubomi nentlalo yabo, imfundo kwakunye nezakhono zabo. Uqoqosho olukhulayo luvelisa imisebenzi emininzi, nto leyo eyenza ukuba sikwazi ukunciphisa indlala nobuhlwempu. Uninzi lwabantu basemzantsi Afrika luyaxhamla kwinkonzo zikarulumente ezifana nezindlu, umhlaba nemfundo.

Noxa sesihambe lo mgama, kusekuninzi ekusifanele sikwenze.

Ngenxa yamava ethu, nangenxa yokumamela izimvo zabantu, sifunde lukhulu.

Yiyo loo nto i-ANC inesicwangciso sokwenza oorhulumente bamakhaya bakusebenzele ngcono.

Sibambisene nawe, i-ANC izakwenza ezi zinto zilandelayo:

- **Izakukhawulezisa ukuziswa kweenkonzo** ukuze iqinisekise ukuba bonke abantu baseMzantsi Afrika bafumana amanzi acocekileyo kunye neenkonzo zogutyulo lindle ngonyaka ka 2010, zonke izindlu zinombane ngo 2012, onke amakhaya afumana iinkonzo ezisisiseko felefele.
- **Izakuphucula ukwakhiwa kwezindlu**, iqinisekise ukuba izindlu zikumgangatho ongcono kwaye zisondele kwindawo ezinamathuba ezoqoqosho.
- **Izakwakha iziseko zophuhliso ezizakukhokhelela ekuphuculeni ezoqoqosho** nasekulweni indlala ngokudala imisebenzi yoluntu kwindawo ezihlala abantu abahlwempuzekileyo.
- **Izakuvelisa amathuba emisebenzi** ngokufaka iiprojekthi ezinkulu kuwo onke amaphondo.
- **Izakuqinisekisa ukuba izimvo zakho ziyeviwa**, ngokuqinisa uthabatho nxaxheba kwiiKomiti zeeWadi nakumanye amaqonga ukuze uzivakalise ngqo nangokutsolileyo izimvo zakho kuphuhliso lwendawo ohlala kuyo.
- **Izakunceda omasipala bafezekise imfuno zoluntu** ngokusebenzisa inkqubo ezifana ne–"Project Consolidate" kunye nezinye eziqinisekisa intsebenziswano nenkxaso yomasipala ngurhulumente kazwelonke nowamaphondo.
- **Izakuxhasa orhulumente bamakhaya ngezinto eziyimfuneko nangabasebenzi abaqeqeshiweyo kwizakhono ngezakhono**.
- **Izakuqeqesha bonke oceba** ukuze basebenzele uluntu ngokuzinikeleyo.
- **Izakumana iphononongа indlela ooceba abenza ngayo imisebenzi yabo** ukuze iqinisekise ukuba bayalufezekisa uxanduva lwabo ebantwini.

YI–ANC KUPHELA ENAMAVA NENAMANDLA OKUMANYA ABANTU BASEMZANTSI AFRIKA BAKHE INTLALO ENGCONO KWINDAWO ABAHLALA KUZO.

Ngoko ke, xhasa isicwangciso sokwenza oorhulumenre bamakhaya basebenze ngcono.

Sisebenza sibambene sakunqandwa zinkwenkwezi.

Votela i-ANC kunyulo loorhulumente bamakhaya ngomhla we 01 Matshi.

Votela i-ANC

1 MARCH 2006

ANC

Published by the African National Congress • 54 Sauer Street, Johannesburg 2001. Tel: 086 717 7077